## ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Ikrayitheriya | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| Ukutolika umbuzo/isihloko. Ubunzulu bengxoxo ukuzixhasa nokuyibamba itekisi<br><br>**7 MARKS** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Ingxoxo enomtsalane ezixhaswe ngombongo<br>-Ukuqonda okuncamisayo | -Ubonisa ukuqonda kwaye usiqonde kakuhle isihloko/umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile<br>-Ubonakalisa ukuyiqonda ijenra nombongo | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngobungqina obuthatyathwe kumbongo<br>-Uyayiqonda nokwana le jenra nombongo | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Izimvo zinqaphazeke kakhulu kwanamanqaku okuxhasa amabango akhe<br>-Ulwazi lwejenra nombongo alukho | -Akaqondi kwasihloko<br>-Akukho nento ebhekiselele kumbongo obuzwayo<br>-Umfundi akanalwazi ngejenra nombongo |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>Isakhiwo, ubuchule bokuqiqa nokunikezela Ulwimi ithoni nesimbo esisetyenziswe kwisincoko<br><br>**3 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyanamathelana<br>-Ingxoxo zixonxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokucacileyo<br>-Ulwimi ithoni, isimbo sivuthiwe, siyathabathekisa, sichanekile<br>-Ayinazo iimposiso zezakhi zezivakalisi, upelo, neempawu zobhalo | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo yakhelana kakuhle<br>-Iyalandeleka ingqiqo yengxoxo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Ingxoxo ibonakalisa ukungalandelelani, ukungakhelani nokunganamathelani<br>-Iimpazamo zolwimi zikho kodwa aziyiphazamisi ingqiqo kwaye zichanekile ubukhulu becala | -Isakhiwo sibonakalisa ucebo olunamakhwiniba<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngengqiqo<br>-Iimpazamo zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo azifanelekanga | -Sakheke saxazalala<br>-Iimpazamo zolwimi kunye nesimbo esingachanekanga |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |

**AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI: INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Ikrayitheriya | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4–5** | **0–3** |
| Ukutolikwa kombuzo/isihloko Ubunzulu bengxoxo, ukuzixhasa nolwazi lwejenra/itekisi<br><br>**15 AMANQAKU** | -Impendulo ebalaseleyo: 14–15<br>-Impendulo encamisileyo: 12–13<br>-Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane zixhaswe ngokwaneleyo ngolwazi olukwitekisi<br>-Ulwazi olugwesileyo lwejenra/netekisi | -Impendulo ibonakalisa ukuqonda kwaye utolikwe kakuhle umbuzo/isihloko<br>-Impendulo inika iinkcukacha ezicacisiweyo<br>-Izimvo ezithile ziyabambeka kodwa asizizo zonke ezixhaswe ngendlela ebezinokuxhaswa ngayo<br>-Kuyabonakala ukuyiqonda ijenra netekisi | -Uwutolike ngokuphakathi nje umbuzo/isihloko; ezinye iinkcukacha azicaciswanga ngokwaneleyo<br>-Akho amanye amanqaku ancomekayo ekuxhaswa ngawo isihloko<br>-ezinye iingxoxo ziyaxhaswa kodwa ubungqina obucatshulweyo abusoloko buhambelana nengxoxo<br>-Ukuqonda ijenra netekisi ngokwaneleyo kuphakathi | -Isihloko sitolikwe ngokunqongopheleyo<br>-Zimbalwa iindawo ezixoxiweyo zaxhaswa<br>-Amabalwa amanqaku okuzixhasa<br>-Ingxoxo esemxholweni inqongophele<br>-Kuncinci kakhulu ukuqonda ijenra netekisi | -Luncinci kakhulu ulwazi ngesihloko<br>-Uthe ntlo nje kumbuzo/kwisihloko<br>-Iingxoxo azibambeki<br>-Umfundi akakayibambi ijenra netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| Isakhiwo, ubuchule bokuqiqa nokunikezela Ulwimi ithoni nesimbo esisetyenzisiwe kwisincoko<br><br>**10 AMANQAKU** | -Isakhiwo sinamathelene<br>-Intshayelelo nesiphelo zibalasele<br>-Iingxoxo zixonxiwe kwaye zikhuliswe ngokucacileyo<br>-Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, ziyancomeka kwaye zichanekile | -Sicacile isakhiwo nengxoxo yakhelana ngobuchule<br>-Intshayelelo, isiphelo neminye imihlathi yakhiwe ngokunamathelana<br>-Ingxoxo iqiqisisiswe<br>-Ulwimi ithoni isimbo sichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Ukwakhelana, unamathelwano bukho kodwa buneempazamo<br>-Zikho iimposiso zolwimi, ithoni, nesimbo nangona sifanelekile ubukhulu becala<br>-Imihlathi yakhiwe kuhle ubukhulu becala | -Isakhiwo sibonakalisa ucebo olunamakhwiniba<br>-Ingxoxo zibekwe xazalala<br>-Zikho iimpazamo zolwimi<br>-Ithoni nesimbo asifanelekanga<br>-Imihlathi iyakheke gwenxa | -Ukungacebi kakuhle kuphazamisa ukuqiqa<br>-Iimpazamo zolwimi, isimbo esingesiso nethoni siwenza umsebenzi ufe amanqe<br>-Isimbo nethoni azifanelekanga<br>-Imihlathi yakheke gwenxa |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | **20–25** | **15–19** | **10–14** | **5–9** | **0–4** |